# Umfana ofunwayo

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Into ekhangelwayo yetheni?
2. Ingaba wena uyakuthanda ukukhangela into? Nika isizathu sempendulo yakho.

Kwakukho umfana ogama linguSaziso owazalelwa kwilali yaseNkobolo KwaZulu Natali. Wayenabazali bephila nezizalwana zakhe ezazihlala kwakuloo lali. Ukhule kakuhle kakhulu uSaziso kuhluthwa lusapho lonke. Babelima befuyile nempahla emfutshane.

EXTRACT PAGES



Izizalwana ngabantu abayintoni kuwe?



Wayefunda uSaziso kwisikolo esikwalapho elalini. Wayengaqhubi kakuhle kwizifundo zakhe kuba wayesinqena isikolo. Ebengayi esikolweni ngeemini ekuna ngazo imvula nangamaxesha okulima amasimi. Wayesikhuthalela kuphela ngexesha leemviwo kuba efuna ukuphumelela. Kwakuphuma iingxelo esikolweni elakhe igama belingafundwa kwababaphumeleleyo.

EXTRACT PAGES

Zazikhutshwa njani iingxelo zabantwana ababhale iimviwo kudala?



Kuthe kungekudala wasiyeka isikolo uSaziso wangumalusi weenkomo neebhokhwe zakowabo. Ibingabahluphi abazali bakhohle nto kuba nabo babengafundanga. Namanye amakhwenkwe atshunga isikolo ayekhona ekuhlaleni kungekho mzali uzikhathazayo ngaloo nto. Bebedlala amadayisi nookroqokroqo benganakwanga mntu.

EXTRACT PAGES

Sithini isizathu esasibangela ukuba abazali bakaSaziso bangayikhathaleli into yokungayi kwakhe esikolweni?



Kuqale inkathazo elalini abantu bekhalazela ukulahleka kwemfuyo yabo. Iinkomo, iigusha neebhokhwe azibuyi zonke emadlelweni. Abafana belali bangene kumahlathi akufuphi bekhangela nasematyholweni. Liqhutyiwe eli phulo ixesha elide bebuya nelize bengafumani mkhondo.

Imfuyo yasemakhaya iyifumana phi ingca?

EXTRACT PAGES



EXTRACT PAGES

Iye iqatsela indaba kwacaca ukuba mayiye kubikwa komkhulu. Inkosi ithe amaphakathi mawahlele intlanganiso. Yenziwa imbizo waxoxwa umcimbi wavelelwa macalana onke. Ziwe ngokuwa iintetho kukhuzwa umkhwa ombi ababeqala ukuwubona kwilali yabo.

Ngokwazi kwakho yintoni umkhwa?



EXTRACT PAGES

Inkosi ingxolise abafana isithi abakawenzi ngokwaneleyo umsebenzi wokukhangela le mfuyo. Amaxhego elali aye ayiseka le ntetho yenkosi. Bandululwa abafana ukuba bacokise ukukhangela babuye nengxelo eyonelisayo. Kuthe kungabanga ziintsuku ezininzi abafana babhaqa ibhokhwe ehlinziweyo ijinga emthini.


Ibhokhwe ehlinziweyo sukuba yenziwe ntoni?



EXTRACT PAGES

Okwenene kufikwe ijinga apho ibhokhwe. Abahlali bajonga iimpawu zabo ebhokhweni. Kwafumaniseka ukuba yeyakwaMhlonyane emaCeteni. Uhambile umnikazi webhokhwe waya kubika ngokwakhe enkosini. Imamele yamamela inkosi yaza yathi makubizwe intlanganiso. Kuloo ntlanganiso kwavela igama likaSaziso njengomenzi wobubi.

Ucinga ukuba kutheni abahlali befaka iimpawu kwimfuyo yabo?



Inkosi iye yadibana namaphakathi ayo esigodlweni. Iyalele ukuba kukhangelwe uSaziso kuziwe naye kuye. Zivakele ezo ndaba ukuba uSandiso uyafuneka enkosini. Wazimela akafumaneka kokwabo nakwizizalwana zakhe. Ibe yingxaki leyo lahamba ithuba engabonakali ndawo uSandiso.

Amaphakathi enkosi ngabantu abatheni?

EXTRACT PAGES



EXTRACT PAGES

Wakhangelwa naphantsi kwezicithi uSaziso kwanzima ukumfumana. Inkosi yayingafuni mpendulo ethi akabonwa kwaye akafunyanwa. Ithe makuziwe nalo nokuba lithambo lakhe. Wacacisa ukuthi akanakukhokela amasela yena.

Ucinga ukuba inkosi yayilindele eziphi iziphumo kolu khangelo lukaSaziso?



USaziso wayenekephusi emnyama ethanda kakhulu ukuyinxiba. Le kephusi yayimnyama inegaba elibengezelayo apha ngaphambili. Xa kushushu ebeyitsala umbone ezidla unkabi enyantsula xa ehamba. Umama wakhe wambona ngaloo menyemenye wekephusi ekhweza kwindlela evela ngasemlanjeni.

Nika isichasi segama elithi: elibengezelayo.

EXTRACT PAGES



EXTRACT PAGES

Uthe uNokuzola akubona unyana wakhe wamlungiselela ukutya. Uye wathuma uSakhiwo ukuba akuse kuye. Wamyala kanobom esithi alumke kungabikho mntu ombonayo. Wazimela noko kutya uSakhiwo ekhekheleza ematyholweni wade wafika kuSaziso. Wakutyela neentsuku ezininzi elamba.


Ukuba wena wawunguSakhiwo wawuza kuba naso isibindi sokusa ukutya kuSaziso?



Kuthe kanti bakho abambonileyo uSakhiwo xa ebesendleni esisa ukutya kubhuti wakhe.
Bakhawuleza baxelelana bachwechwa bamfumana esonwabo njalo nomntakwabo, esitya. Bamphakamisa, bemtyhala, engafuni ukuba bamse enkosini. Kwakuligqquba labantu, omncinci nomdala kuloo ndlela eya komkhulu. Abahlali bengonwabanga, befuya imfuyo yabo apha. Bebengacinganga ukuba ingangumntu lo wale lali oba imfuyo yabo.

EXTRACT PAGES

Kwakutheni engavumi ukusiwa enkosini uSaziso?



EXTRACT PAGES

Ufike apho komkhulu wancinwa ngemibuzo emininzi. Uyikhuphe yonke inyaniso exela nokuthi akayedwa kule nto ayenzayo. Utsho ebaxela ngamagama abo akunye nabo kulo mkhuba. Abahlali babecaphuke kakhulu yile nto yenziwe ngaba bafana. Babefuna ukuyisombulula le ngxaki ngokwabo.

Xa uncina umntu ngemibuzo injongo sukube iyintoni?



Kuthunyelwe abafana ukuba bawaqokelele ngokukhawuleza amahlakani kaSaziso eze nawo apho enkundleni. Abanye abazali bothuka ukuthi kanti nababo abantwana bayabandakanyeka kulo mkhuba. Kwakungasekho kuthini amagama akhwaziwe aviwa ngumntu wonke. Akubanga thuba lide afika nawo kwaze kwenziwa okufanayo nakuwo. Bathukwa babethwa ngeempama bekhatywa nandawoni nangubani.

EXTRACT PAGES

Ziintoni amahlakani?



EXTRACT PAGES

Lixoxiwe ityala, abenzi bobubi sele bexela nezingakhange zibonwe izinto abazenzayo. Bakhuze bekhuzile abantu kukothuka. Bambi bebabaza ukudaniswa ngabantwana bebathembile. Uthe umntu makubizwe iveni balayishwe balale bebaliwe. Wanqanda omnye esithi asiyi kuxola singabafikanga ngezethu izandla.

Ingaba kwakukuphela kwale bhokhwe eyabiwa yaxhelwa? Chaza.



EXTRACT PAGES

Kugqitywe ekubeni ingabizwa iveni mabohlwaywe kanobom ukuze bangaze baphinde baphathe ilali kakubi kangaka. Amaxhego ayalela abafana abanezoso ukuba babohlwaye ngemvubu apho enkundleni. Izikhalo zabo azizisanga sizi nakowuphi umntu obelapho.

Saba yintoni isiphumo saba bafana?